URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loKunika iNkxaso yeziBonelelo kumaZiko

Isalathiso: 20210721-4508
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/1/2
Imibuzo: K Lackay

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loKunika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko: 0006/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo lezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

**Isihloko: Izicelo zeenkonzo ezintsha zothutho lwabafundi ukulungiselela u-2022 (ezeenkonzo ezintsha nezabafundi abongezelelweyo)**

1. Kucelwa izikolo zigxininise kuphela kwizicelo zesikim sothutho lwabafundi (*learner transport scheme*) (*LTS*) ukulungiselela unyaka wesikolo ka-2022 ukususela kwikota yesithathu ka-2021. Ukuqwalaselwa (*processing*)) kwezicelo ze*LTS* ezikhoyo zonyaka wesikolo ka-2021 kuyaqukunjelwa yaye kucelwa izikolo zingangenisi naziphi na ezinye izicelo ze*LTS* ezitsha zika-2021.

2. Izicelo zeziko **zeendlela ezintsha** ezimiselweyo nezokufakwa **kwabafundi abongezelelweyo** kwiindlela ezikhoyo ngoJanuwari 2022 mazingeniswe kumphathi wesekethe ochaphazelekayo ungadlulanga owe-**11 Agasti 2021**.

3. Kucelwa abaphathi besekethe bangqinisise okanye baqinisekise ukuba ingaba abafundi banokufakwa na kwizikolo okanye kwiihostele ezikufutshane nabo yaye bazalise isiHlomelo B sefom yesicelo phambi kokuba kuqwalaselwe umba wokufakwa kwaba bafundi kwisikim sothutho.

4. Amagosa ezithili achaphazelekayo aya kuqwalasela ezo zicelo njengoko kuyimfuneko aze angenise izicelo ezisayiniweyo ezineemephu zeendlela ezimiselweyo kwiCandelo loKunika iNkxaso yeziBonelelo kumaZiko ukwenzela ukuba zifumane ukuqwalaselwa nguMnu Keith Lackay, onguSekela Mlawuli weCandelo le*LTS*, ungadlulanga owe-**10 Septemba 2021**.

5. Kucelwa kuqatshelwe ukuba akukho mfuneko yokuba zingeniswe izicelo ezenzelwe abafundi beBakala R, abanikwe ngoku imvume yokuba bathuthwe ngo-2021; aba

1 North Wharf Square, 2 Lower Loop Street,
Foreshore, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2000 Fax: +27 21 483 7658
Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
Safe Schools: 0800 45 46 47
wcedonline.westerncape.gov.za

bafundi baya kuhlala bekwiindlela ezimiselweyo ezichaphazelekayo njengabafundi bezikolo zikawonkewonke (*mainstream learners*) kunyaka wesikolo ka-2022.

6. Ifom yesicelo ye*LTS* yaseburhulumenteni mayisetyenziselwe le njongo ikhankanywe ngentla. Kucelwa kuqinisekiswe ukuba onke amacandelo efom yesicelo azalisiwe. Kuqhotyoshelwe apha njengesiHlomelo A ifom yesicelo ye*LTS* yaseburhulumenteni.

7. Kubaluleke gqitha ukuba izicelo zeendlela ezimiselweyo ezintsha nezabafundi abongezelelweyo zifumaneke kwangethuba ukuze kuthengwe iinkonzo ukwenzela ukuba zifumaneke kwangosuku lokuqala lwesikolo luka-2022. Izicelo ezingeniswe emva kwalo mhla ukhankanywe ngentla zisemngciphekweni wokungavunywa kwangexesha ukulungiselela usuku lokuqala lonyaka wesikolo ka-2022.

8. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze ayithathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2021-07-29